


# UKUKHUMBULA INKOSI

 Enkosi, Mzalwana Neville. Ndivuya kakhulu ngokuba lapha, Mzalwana Neville, noku—nokuba nethuba lokuhlala kwezi ndawo zaseMazulwini kwakhona, kuKristu Yesu. Kwaye amanani asiyonto yakhe yandihlupha leyo, kuhlala kundivuyisa njalo oko. Uyazi, ndonwaba—ndonwaba ngakumbi xa ndikunye nenani elincinci, kakade yiloo nto endicinga ukuba liyiyo iBandla. Ewe, ndinaso iSibhalo soko, esithi, “Musani ukoyika, mhlambi mncinane, ku—kukuthanda kukaYihlo ukukunika uBukumkani.” Kwaye ndingathanda...nguloo mhlambi mncinane endifuna ukubalwa kunye nawo ngaloo mhla, lowo Wathi, “Mawungoyiki.” Kwaye sivuya kakhulu ngenxa yethuba lokuhla kusihlwa nje.

<sup>2</sup> Bendingazanga ndinanjongo yakuthetha ke. Kwimizuzu nje embalwa edlulileyo kubekho umntu othe wafika emnyango, ngethuba bendisekufundeni okuthile, ndilungisa umongo othile ukulungiselela umxholo endifuna ukuwusebenzisa kanye ngoku kwezi nkonzo zizayo zase Phoenix naseTucson, nakuyo yonke loo ndawo. Bendilungisa ke ndizondla kakhulu kuMoya, uyazi, ngezinto ezilungileyo zikaThixo, malunga noQobo, nengongoma yoQobo. Yaze inkosikazi yam yandixelela ukuba kukho umntu othile oze kundibona, anda—andabi nakuyifumanisisa ke, kwaze emva koko, wathi, “Ingaba uyakubakho enkonzweni phaya ngokuhlwanje?”

<sup>3</sup> Ndaze ndathi, “Ndicinga njalo.” Ndaqhubela phambili ndizama ukungena kumoya waloo nto bendiyenza. Yaze yaphinda yabuya yathi ibiyindoda egulayo ebize kuthandazelwa. Ndathi, “Kulungile, ngoko, ndizakuhla ndiye enkonzweni, nakanjani na, 'yabona, ndithandazele abagulayo.” Ndihlala njalo, loo nto... Uyazi, ezo zinto zinjalo... simelwe kukufika kuzo ngokukhawuleza kangangoko sinokuba nako xa abantu begula beswele. Nabani na owakhe wagula uyazi ukuvuyela into ekuthetha yona ukuphiliswa ngamandla empiliso amakhulu kaThixo. Yinto emangalisa kakhulu ke leyo, lelinjani icham.

<sup>4</sup> Ngoku, kwiCawe elandelayo ezayo, ukuba iNkosi ithandile, uMzalwana Neville namnye kubo engenanto ithile ingxamisekileyo, ndicinge ukuba kwiCawe elandelayo kusasa ndi—ndiyakuzisa umyalezo wam weKrisimesi ebantwini, ngokubanika—ngokubanika... Abanye babo bavela kude kakhulu, uyazi, njengaseGeorgia nakwiindawo ezahlukeneyo, loo nto iyakubanika ithuba lokuphindela kwangexesha ekuthengeni kwabo kweKrisimesi nezinto ezinjalo.

<sup>5</sup> Waze uBilly waphuma wandixelela, wathi udade wethu, uDelors, ngorhatya lweCawe ezayo kanye phambi kwenkonzo, unohlotyana—uhlotyana oluthile lwezipho zabantwana, inkqubo encinane apha abaya kuyo, uyazi, umdlalwana weKrismesi abafuna ukuwuqhuba phambi kokuba iinkonzo ziqale. Ndaze ndathi, “Kulungile, loo nto iyakuba ngokuhlwa ngeCawe akunjalo?”

Wathi, “Ewe.”

Ndathi, “Loo nto ayisayi kuphazamisa nakancinane, ngoko.”

<sup>6</sup> Ngoku, 'yabona, ulwesiBini olulandelayo lusuku olwandulela iKrismesi, ngoko ukuba...okanye ulwesiBini olandelayo kwiveki ezayo, yiKrismesi. Loo nto ingabaxakanisa abantu, uyabona, kuze kufuneke bagoduke ngosuku olwandulela iKrismesi, nangoMvulo, ngoko ndacinga ukuba ndakuba ndiyaku...Ewe, ziiveki ezimbini. Kunjalo, iiveki ezimbini zilungile. Ngoko ndacinga ukuba ndingeza ngokuhlwanje ukwenzela ukuba abantu bazi, ukuba iNkosi ithandile, noMzalwana uNeville engenanto ingxamisekileyo. Kuba, esiqhelweni ndithanda ukulinika umyalezo wam weKrismesi ibandla, nomyalezo wam wePasika, nayo nantoni na iNkosi eyibeka entliziyweni yam ukuba ndiyikhuphe. Ke kwiCawe ezayo, iNkosi ithandile, kusasa ngeCawe ezayo ndiyakunika... .

<sup>7</sup> Yaye isizathu sokuba ndiwuthabathe ngentsasa endaweni yangokuhlwa, apho kukho abantu abavela kude kakhulu, banenjikalanga abanokuhamba ngayo ukuze bayokufika ekhaya, uyabona. Bendinokuthanda ukuba ndiwuqhube ebusuku, ndicinga ukuba urhatya lolona lungcono kakhulu. Ndi—Ndiyayithanda inkonzo yangokuhlwa, xa litshona ilanga, into ethile, eyenye. YayinguThixo eMyezweni wase-Eden, ku-Adam, owayesiza ekupholeni kwangokuhlwa athethe no-Adam. 'Yabona, yaye ndiyayithanda inkonzo yangokuhlwa. Kodwa, nendlela eziyiyo iimeko apha, kuba kuyakuba ngcono ukuba ndiwukhuphe kusasa, ukuze abantu babe nokuhamba.

<sup>8</sup> Yaye ndiyavuya ukuba lo mnquba ube uyandiswa uphumele apha ukungena kwindawo elandelayo ngaphaya udlule apha, kusongezwa igumbi elilelinye kuwo. Emva kwako konke ukuxoxa nokuxambula, ekugqibeleni siyifumene nangoko. Uyazi, uMzalwana uBosworth omdala wayedla ngokuhlekisa, athi, “Olona sana lukhala ngokungxola kakhulu lufumana okona kuhoywa kukuko.” Kulolo hlobo kakhulu ke, uyazi, kwaye ndicinga ukuba kuyasihlawula ukukhala kwethu kancinane kanye ethubeni, anicingi njalo?

<sup>9</sup> Ngoko, kanaanjalo ndifuna ukuncoma uMzalwana Anthony nabasebenza kunye naye apha ngala mculo uthandekayo. Ndithe ndingena nje ndawuva. Kwaye, uyazi, eza zixhobo

ngamaxilongo. Bendihleli ndifuna omnye kubantwana bam, abemnye nje kubo, ukuba adlale ixilongo, ndi—ndi...nezi zixhobo zomculo zivuthelwayo.

<sup>10</sup> UBecky uqalise ngepiyano, kodwa ukulaa nto yokufika kubudala ubuphakathi kancinane, uyazi, kwaye, ufuna ukuyiyeka ngoku. Waze—waze waqalisa...Utishala uthe bamelwe kukuqalisa ngomculo odumileyo. Hayi, ngoku, andithethi...niyazi ukuba ndithetha ukuthini na, imiculo yaphambi komdlalo, njalo njalo, nomculo wodidi oluphambili, ukuze bafake umculo wezenkolo kulowo. Akufika kumabanga akhe aphezulu kuloo nto, ngoku ucinga, “Ke, ndizakusuke ndiyeke.” Ndaze nda—nda...abantwana bayingxaki. Kwaye, nakanjani na, kumele ukuba ibe lubizo lukaThixo, indawo yokuqala. Ndiyakholwa ukuba udade wabo uSara, lowa uphaya emva uzakudlula kuye, nakanjani na, abe akazange afumane sifundo. Ngoko, ke ngoko ubizo lukaThixo lolona ngcono xa enesiphiwo esilolo hlobo.

<sup>11</sup> Kodwa ndiyalithanda ixilongo. Ndikhumbula xa banikezela lo mnquba phaya phandle ekujikeleni, amaxilongo akhala isiqingatha sonke semini phaya phandle, “Ezantsi emnqamlezweni apho wafa khona uMsindisi wam, apho ezantsi ndakhalela ukuxolelwa kwisono, apho iGazi lafakwa entliziyweni yam,” xa ndandifaka oko kungumxholo wam ngaphakathi kwilitye lembombo.

<sup>12</sup> Kwaye ndikhumbula ngobunye ubusuku kwicawe yamaMethodist angamaTriniti, xa uGqirha Morrison wakudala...Abaninzi kuni bantu balapha babephila phaya kudala ngemihla yam bayamkhumbula uGqirha Morrison, indoda endala engcwele. I-Asbury yalahlekelwa yenye yawona madoda abalulekileyo oko yabakhoyo i-Asbury, xa yalahlekelwa nguGqirha Morrison, ngokobudala bakhe, indoda endala yakwaThixo. Kwaye ndandihlala ndikuthanda ukumphulaphula eshumayela. Ndandiye ndiwele ukuya kumphulaphula ngaphaya kwinkonzo iTrinity Methodist apho. Ngobo busuku ke, amakhwenkwe amabini aphuma kumngqameko omncinane njengokuba kanye inkosikazi nam sasinyuka, aye ewaphethele phezulu amaxilongo awo ngolo hlobo, ezo zixhobo zomculo zilapho, baze badlala yona leyo, “Ezantsi emnqamlezweni apho wafa khona uMsindisi wam!” Kukho laa mnqamlezo mkhulu phaya phezulu, ujikeleza. Ndema nje apho esitratweni ndaphulaphula, izandla zam ndizophakamisele emoyeni, ndaqalisa ukudumisa uThixo kanye apho. Ndandingenakuyinceda loo nto.

<sup>13</sup> Kukho uhlobo oluthile lwemihlali kuMkristu ozele ngokutsha, xa kuthe Kwangongoza, kukho into emelwe kukwenzeka, nantso kuphela into ekuyiyo. Owu, mna... Akukho nto ifana namava akudala oMkristu! Akukho nto ndinokuyithatha endaweni yawo, amava am,

andinakuwatshintshisa ngabutyebi behlabathi, ihlabathi liphela okanye izinto ezisesibhakabhakeni nako konke, ngento uYesu awandifundisa yona ngaYe.

<sup>14</sup> Kukho indoda ethile ehlala kunye nathi, njalo ndakukhangela emva intliziyo yam iyaxhuma. Indoda endayibona ithabatha umthendeleko ngobunye ubusuku, ihamba ngentonga yomntu oqhwalelayo. Ingaba kukho umntu owakha wakuxelela ukuba ufana no-Oral Roberts? Ndiyakuxelela, lonke ixesha ndi...Bangaphi...Nakhe nambona u-Oral Roberts, phantse ninonke. Akafani no-Oral Roberts! Kwenzekile ndajonga phaya emva. Kwaye ndicinga ukuba uyindoda enkulwana kunokuba enjalo u-Oral. Kodwa ukubona nje indlela achaza ngayo iinwele zakhe, nebunzi lakhe nokumila kwakhe, ehleli eluhlobo lomntu okhangeleka enesidima, ehleli njengo-Oral. Ngoko ke ndi—ndihlala ndicinga, “UMzalwana Oral?” Ukhangeleka nje ngokufana naye.

<sup>15</sup> UMzalwana u-Oral uqalisa uhlobo oluthile lwesikolo seBhayibhile phaya ngoku, ndiyakholwa, okanye enye into. Ndikhe ndeva malunga naloo nto ngenye imini. Yintoni? Yidyunivesiti. Ewe. UMzalwana uCarl Williams ungomnye wabenza izigqibo ngaloo nto, ngandlela ithile, andazi kakuhle ukuba yintoni na ngoku.

<sup>16</sup> Ngoku, ngoku nikhumbule, ngeCawe, iNkosi ithandile, sizakuqalisa, ndinawo owePasika...okanye umyalezo kweKrisimesi. Kungoko ndi—ndinombulelo malunga nalo mnquba ukuba ube uqalisiwe. Kwaye ndiyathemba ukuba oku ayisayi kukuba kukongezeka ngokwenani kuphela, koko iyakuba kukongezeka kobabalo ayakuthi uThixo aliphe ibandla lethu, inkqubo yethu, okanye, ingeyonkqubo, koko ilibandla lethu njengokuba sithe sahlangani. Siyayithanda loo nto.

<sup>17</sup> Kwaye—kwaye ndingathanda ukuthetha nje oku. Andizi kuthabatha thuba lide. Kodwa, ndinezinto ezininzi endimelwe kukuzithetha, kodwa andizi kuzithetha, singathabatha ixesha elininzi kakhulu. Kodwa, ndingathanda ukuthetha oku, yinto ethile endingenakukwazi ukuyithetha. Kukho izinto (eziqondwa nguwonke-wonke) ozaziyo, zibe ziseGameni leNkosi, ukanti awunako ukuzithetha. Uyabona, umelwe kukuba uzigcine kuwe. 'Yabona? Kodwa isiganeko esithile esisondelayo, kwaye kulithuba sisenza njalo, esizakwenzeka, xa ndithe ndalunyukiswa ukuba ndikhangele uMoya oyiNgcwele uhamba-hamba phakathi kwabantu ukuya kuloo ndawo, babe bona bengazi nanye into kwezasemhlabeni, 'yabona, koko ubonwe uMoya oyiNgcwele usiya kuloo nto. Ndizakuyityhila, iNkosi ithandile, ngexesha elithile elifanelekileyo. Ngoku, khumbula, loo nto ibonisa ukuba uThixo uphakathi kwabo.

<sup>18</sup> Njengokuba umntu othile, ndiyakholwa, mzalwana, ewe, etshilo kumzuzwana odlulileyo, uMzalwana Neville etshilo ukuthi, “UThixo, engakubaleli kuthi okwethu—okwethu—okwethu ukungabi nalungelelwano phakathi kwethu, okanye ukungaziphathi kakuhle kwethu phambi kwaKhe.” Oko yathi imboni eyaya kukhangela uSirayeli, yaba nokukubona ngamehlo wayo enyama, indlela ekwakungekho lungelelwano ngayo, indlela ababenze ngayo phosakeleyo bemelwe kukuqalekiswa. Kodwa into awasilelayo ukuyibona ubhishophu lelaa Liwa labethwayo kunye nalaa Nyoka yoBhedu, ’yabona, isenza intlawulelo. Ngoko, uyabona, xa—xa uBhileham wakhangela kuSirayeli, wabona isizathu sokuba abaqalekise. ’Yabona? Kodwa xa uThixo wabakhangelayo, Wabona intlawulelo. Wathi, “Unjengophondolunye.” Amen. “Ngubani na oyakukuthintela? Zilungile, zinobulungisa iintente zakho!” Nantso indlela awababona ngayo uThixo. ’Yabona? Hayi indlela awayebabona ngayo umntu, hayi indlela i—izihlonitshwa ezikhulu ezibabona ngayo; koko indlela awayebabona ngayo Yena.

<sup>19</sup> Kwaye, Owu Thixo, mayibe sisabelo sam eso! Mayibe sisabelo sam eso, kuba andinanto mna ngokwam endinokuyibanga. “Andinanto esandleni, ndibambelela kuphela kumnqamlezo waKho.” ’Yabona, yiloo nto kuphela esinayo.

<sup>20</sup> Ke, obu bubusuku bomthandazo, okanye asibobusuku bomthandazo, koko eli liqela eliphantse ukuba lelokuvangela. Si—Sithanda ukubeka iLizwi ngentlonipho. Mhlawumbi ke ndingathanda ukuthetha nani ngokuhlwanje okwemizuzu embalwa. Abaninzi kuni abaya kuthanda ukutyhila eSibhalweni...Kulungile, uyazi, into engumnqa, ivuleke kanye kuso, kule ngongoma bendiza kuyifunda. Ewe, mhlekazi. Ngumnqa. Leyo ibingamaKorinte I, isahluko se-11, nemibhalwana ebendiyibhale apha, kwindawo ethile apha, ebendicinga ngayo, ukuba ndinokuyifumana nje ngoku, kumaKorinte I, i—i—isahluko se-11. Nantsi kanye, kanye apha. Ewe, mhlekazi.

<sup>21</sup> Ngoku, phambi kokuba sisondele eLizwini, masisondele kuMbhali, ’yabona, OliLizwi, ukuze sibe nokuzicelela inceba neentsikelelo zaKhe ngeli thuba sifundisisa ngaYe lowo UliLizwi. Masithandaze.

<sup>22</sup> Owu Nkosi Thixo, ozele lubabalo nenceba, Othe wathanda kuso sonke isigaba sexesha, emva kokuba umntu wonayo waze wabeka loo msantsa mkhulu phakathi kwakhe naWe, owayengenakuwuwela ngokwakhe. Wayethe ngokupheleleyo, walahleka ngokupheleleyo, engenandlela yakubuyela. Kodwa uThixo we...ozele lubabalo, wakulungela ukuthabatha iSibambelo endaweni yakhe, wambuyisa kwakhona. Loo nto izivuyisile iintliziyo zabo bonke abathi baKwazi, Nkosi,

indlela othe ngayo ngothando lwaKho olukhulu nobabalo lwaKho wathabatha ngayo iSibambiso! Kwaye njengokuba sisandula ukuyigxininisisa loo nto, Nkosi, kukweso Sibambiso esithe sathembela kuso ngokuhlwanje, kuLowo Wafa endaweni yethu boni, lowo Ulilungisa Wathabathela kuYe ukungalungisi kwethu. Sithembele kuYe lowo.

<sup>23</sup> Ngoku siza kwiLizwi laKhe ngokusulungekileyo, sineentliziyo ezithotyweyo neentloko, ekuhloneleni nasekuhlonipheni nangombulelo. Kwaye siyacela ukuba Uthumele kuthi ngokuhlwanje, ubabalo, ngoMoya oyiNgcwele, uze usiphe i—iSonka soBomi esisisweleyo ukuze sisixhamle. Uyazi ngokuchanekileyo ukuba yintoni na esiswele yona, kwaye siyazi ukuba Wena uthembisile ukuba ukuba siyakucela siyakwamnkelo.

<sup>24</sup> Sithanda ukukhumbula ngokuhlwanje, Nkosi, bonke abo saziyo ukuba bayagula beneentswelo, ukuze ubabalo lukaThixo baluphiwe ngokomlinganiselo omkhulu. Kwaye, Bawo, sithandazela abo bawileyo bemnka, ukuze ngeli thuba lizayo leholide uzise iinkumbulo entliziyweni yabo, yokukhumbula apho babekhe bakhona, baze bawela kwisithuba esingaphandle kobudlelane naWe. Thixo, sithandazela ukuba babuye (siphe oko, Nkosi), ukuba babuyele ebandleni, kwi—kwiNtlangano yaMazibulo babuyele apho kukho ubabalo nenceba khona, nothando nobubele, nempiliso yemiphefumlo yethu, ingqondo yethu nomzimba wethu. Siphe oko, Nkosi. Sikelela iLizwi ngokuhlwanje. Someleze sonke, usiphe kwiintsikelelo zaKho, njengoko sikucela oku eGameni likaYesu. Amen.

<sup>25</sup> Ngoku, okwemizuzwana embalwa ndingathanda ukutsalela imidla yenu kumaKorinte I, isahluko se-11, umqolo wama-23, 24, nowama-25.

*Kuba mna ndakwamnkelo kuyo iNkosi oko ndikunikelayo nokunikela kuni, Okokuba iNkosi uYesu ngobusuku eyanikelwa ngabo yathabatha isonka:*

*Yaza yakuba ibulele, yasiqhekeza, yathi, Thabathani, nidle: ngumzimba wam lo, owaphulelwa nina: oku kwenzeleni ukundikhumbula.*

*Kwangokunjalo yathabatha nayo indebe, emva kokuba kudliwe, isithi, Le ndebe ingumnqophiso osegazini lam: oku kwenzeleni, ngamaxsha onke enisukuba niyisela, oku kwenzeleni ukundikhumbula.*

<sup>26</sup> Ukuba oku ndingakubiza njengomxholo omncinane endingathanda ukubhekiselela kuwo, ingangulo: *Ukukhumbula INkosi*. Uvakala ngokungathi bubusuku bo... okanye ngumyalezo obumelwe kukushunyayelwa kwiCawe ephelileyo, kwisidlo sangokuhlwa seNkosi. Kodwa ndifuna

ukuwuvela ngendlelana eyahlukileyo okwemizuzwana embalwa, ngeli thuba siqokelela ezethu—ezethu iingcinga sizihlanganisa, nasekudumiseni iNkosi.

<sup>27</sup> Besinokuba nako, kakade, ukuqala ngesithebe seNkosi, ngokuba leyo yindawo eyona ilungileyo apho sikhumbula khona sisonke. Ukukhumbula iNkosi kwisithebe saYo, ntoleyo, eneneni, le ngongoma ibhekiselela kuloo nto. Kodwa, oko kukuthi, uPawulos wathi simelwe kukuyithabatha indebe no—nokusela i—igazi, nokudla isonka sekosher, ekukhumbuleni, ukukhumbula oko Yasenzela kona. Yaye njengokuba niyenza loo nto, anifuni ukuyenza nje ibeyinto eqhelekileyo, into yemihla ngemihla; nifuna ukuza ngenene, nikhumbula iNkosi. 'Yabona? Nikhumbula ukuba yayilubabalo lwaYo nenceba yaYo, iyiloo nto kuphela ke, ethi ininike ithemba ekuphela kwalo eninalo. Kungenamsebenzi nokuba yintoni na owakhe wayenza, akukho nto kwandawo enokuthi nangaluphi na uhlobo isondele kuloo nto uKristu wakwenzela yona.

<sup>28</sup> Ndikhe ndafumana amava alusizi kule veki, ukanti ke ikwangazukileyo, ndingawabiza ngolo hlobo, ndingwabe umntakwethu owakhe wahlala kunye nathi apha. Abaninzi benu ke bayasazi eso siganeko. IbinguMzalwana wethu othandekayo uRogers, uBusty Rogers, njengokuba besimbiza, Everett. NoMzalwana Banks Wood lo, kunye noMzalwana Sothmann, besiyе kunye kwinkonzo yomngcwabo.

<sup>29</sup> Kwaye—kwaye ndiqhube ekhephini, ndaya kufika kuloo ndawo indala apho ndandimngcwabe khona kuqala, malunga namashumi amabini anesihlanu eminyaka eyadlulayo. Ngelo thuba ekumngcwabeni kwam, kwakukumanzi amdaka, eGameni leNkosi uYesu Kristu. Sithe xa sidlula kuloo bhulorho iqhelekileyo indala apho eTotten's Ford, bendithetha nabazalwana bam, ndathi, "Ngenye imini xa umlungiseleli othile wehlelo waye—wayenentente enkulu apho, wathi, 'Laa ndlavini incinane phaya ezantsi kulaa nkonzo yaseBhaptizi, ibhaptiza abantu eGameni likaYesu Kristu.' Wathi, 'Ukuba kukho umntu nje othe wabhaptizwa ngendlela enjalo, akanakwamnkeleka nokwamnkeleka phantsi kwentente yam.'"

<sup>30</sup> Yaye ke ngeloo xesha kwenzeka ukuba kubekho abathile ababehleli apho ababebhaptizwe eGameni leNkosi uYesu, lowo ke yayinguMzalwana George Wright nosapho lwakhe. Basuka nje. . . Inye into ababenokuyenza kukungaphindeli.

<sup>31</sup> Ngoko ngaloo mhla phaya ezibukweni, owu, washiya intente yakhe nje wehla ukuza kuba bugada, nebandla lakhe limi apho. Ndaze ndenyukela kuloo ndawo. Kwakune invula phaya phezulu ezindulini phezulu, loo mathafa anodaka ayekhukulisekile angena apho, yayingamasetyana amancinane awayengene kuMlambo iBlue enodaka kakhulu. Ndahamba

ndangena emanzini, ndamela esinqeni ubunzulu. Waze wathi omnye wamathenjwa, kungenjalo amadikoni, gxebe, wandinika iBhayibhile, ndaze ndafunda apho uPetros wathi ngoMhla wePentekoste, “Guqukani, nonke ngabanye, nibhaptizwe eGameni likaYesu Kristu ukuze nixolelwe isono, naye niyakusamnkela isipho soMoya oyiNgcwele.”

<sup>32</sup> Kwakungaloo mini wathi ngayo uGeorgie Carter wabe elele apho, ezama ukuphakamisa izandla zakhe, enobunzima obumalunga namashumi amathandathu anento eeponti kuphela, iyiminyaka elithoba eneenyanga ezisibhozo esebhedini, engakwazi kushukuma. Nabantu bakowabo, ibandla awayengowalo, bethe, ukuba kukho nabani na okhe weza enkonzweni yam, baya kukhutshelwa ngaphandle kubudlelana babo kwelo bandla. Ngoko kwakungolo rhatya lunye wathi waphiliswa ngephanyazo ngalo. Wabe ke efuna ukubhaptizwa njengalaa ntombazana yakwaNale incinane yayiphaya phezulu; ndandithe ndabona umbono, yaye niyalazi elo bali, izandla zayo nemilenzana yayo itsalelwe phezulu; ndangena kumbono namandla kaMoya, ndabeka izandla phezu kwayo, nantso iphuma yaze yaphiliswa. Ngoko naye wayengowaloo nto inye. Ke, yayilibandla lobuWisile. Umlungiseleli womWisile, uMzalwana Smith, yayinguye owayemi apho enxwemeni kunye nebandla lakhe.

<sup>33</sup> Ndaqalisa ukubhaptiza eBhayibhileni, ubhaptizo loBukristu. Kwaze malunga nethuba endabhaptiza ngalo abahlanu okanye abantu abathandathu, kwathi ngequbuliso yavuleka imigca, apho phezulu endulini. Nako kusiza eloo qela lamaWisile lisihla kanye linxibe iimpahla zalo ezizezona zintle, lisiza kubhaptizwa eGameni leNkosi uYesu. Kwaye ngabanye ngabanye, amanenekazi ekwizinxibo zawo ezintle zesilika zasehlotyeni, ehamba ukunqumla kwelo daka, esosula iinyembezi emehlweni, iziqabi zemilebe zihlambeka, ephuma esiza ku—kwenza—kwenza isivumo sezono noku—nokuze abhaptizwe.

<sup>34</sup> Kwathi kunye neloo qela, kwakho owomeleleyo, omagxa abanzi, enohlobo lokuchetywa kweenwele i-GI, ubuso obuvulekileyo, umfo okhangeleka omelele waphuma weza apho eneyakhe entle, isuti yoboya eluhlaza okwesibhaka-bhaka. Wathi, “Nam, okwam, ndisenzile isigqibo sam.” YayinguBusty Rogers, kungekho mntu wakhe wamxelela nto. Ndamngcwaba apho eGameni leNkosi uYesu Kristu, ngokokuvuma kwakhe.

<sup>35</sup> Kwiveki ephelileyo ke ndimfake phantsi kwegade eMilltown. Ndaze ndathetha ngentshumayelo yo: *Kugqibelela KoVuko*. Ndakhe ndangumseki mabandla, ndabona iintlobo zezithixo nezazi nzulu ezininzi; kwaye kuphela kwaloo nto ekhoyo, ngaphandle koBukristu, lulwazi nzulu kuphela, indlela abakholwa ngayo kule, kuleya, okanye *kwenye*. Kodwa



nguMdali omkhulu Owadala indalo! Kunyanzelekile ukuba kubekho uMdali ukuze kubekho indalo. Yaye ukuba kukho indalo, yenziwa nguMdali. Yaye nawuphi na umsebenzi womntu ubonakalalisa loo mntu. Ungumchweli onguye, nguye, wenza umsebenzi omhle, uyakha. Yaye ukuba ungumlungisi weenqwelo-mafutha, wenza umsebenzi olungileyo. Umsebenzi wakho ubonakalalisa wena kuphela. Kwaye indalo kaThixo ibonakalalisa uThixo. Yaye uThixo wayenza ngenjongo ethile yonke into. Kwaye yonke into eyenzayo injongo kaThixo, yakuba ifile, imelwe kukuza kuvuko. Ndixelele into ibenye. Kwaye ndingenise izinto ezininzi, ezinjengeentyatyambo nemithi.

<sup>36</sup> Indlela eliphuma ngayo ilanga kusasa, usana oluncinane luzelwe, libuthathaka, imitha yalo. Malunga nentsimbi yeshumi, ungumntwana ofikelela ebudaleni. Ukuze ngentsimbi yeshumi elinesibini likhanye ngamandla alo, kubuhle bobufazi okanye bobudoda. Ukuze malunga nentsimbi yesibini emva kwemini, liye lifana nam. Ukuze malunga nentsimbi yesihlanu emva kwemini, liye lisiba ngutata omkhulu, liyangqengqa. Ukuze ekugqibeleni imitha yalo iphole ukusuka emhlabeni, lize life. Ingaba sisiphelo eso? Liyenzile injongo kaThixo. Libuvelisile ubomi bezityalo njengokuba linqumla umhlaba. Zonke izityalo engezifile kunyaka ongaphambili lizivusile. Ingaba sisiphelo salo elo xa liyenza injongo kaThixo? Liyaphuma kwakhona ngentsasa elandelayo, linobomi obutsha! Wonke umthi wenza kwaloo nto, yonke enye into, yonke into, inyanga, iinkwenkwezi, izinto ezisesibhakabhakeni njengelanga, yonke into iyathembisa.

<sup>37</sup> Ukuba umntu uyikhonzile injongo kaThixo, lukho uvuko ngokuqiniseke njengantoni na nje. Inye into omelwe kukuyenza, kukuthi, uThixo ulindele nje ixesha, kanye njengokuba Enjalo ngoku.

<sup>38</sup> Amagqabi amakhulu asandula ukuwa emthini, evuthulukile, gxebe. Apho bekukho abomvu, aluhlaza okwengca, aluhlaza okwesibhaka-bhaka, amdaka, nayo yonke imibala eyahlukileyo inqumleze isifuba esikhulu somhlaba, apho indalo kaThixo ingqengqo khona ifile phantsi kwaloo nto, uThixo utyale nje apho isipha saKhe seentyatyambo. Kodwa Uyazi ukuba xa Athe watyala isipha, lukho uvuko entwasahlobo! Ihlabathi limelwe nje kukuthi lijike kumjikelezo walo lide libuyele kanye kwindawo enelanga kwakhona, kwaye siyakuthi siphume kwiintyatyambo zomngcwabo.

<sup>39</sup> Akazange athi, “Sisiphelo esi,” kanye njengokuba amagqabi, indawo emdaka emthini, isithi sisiphelo. Inye kuphela into emelwe kukuyenza, kukuba umjikelo wexesha likaThixo uphaphatheke ujikele, kude kufike ixesha lokubuya koNyana kaThixo. Kwaye sonke isidalwa esiphilayo esathi

safela kuKristu siyakuvela kwakhona. KuBukho baKhe, ukukhumbula Yena. Owu, ndakufika ekupheleni kwendlela yam, ndifuna ukufela kuBukho baKhe, ndiMkhumbule, ukuba nguYe uvuko noBomi. Unguye Lowo.

<sup>40</sup> Ukuze njengokuba sifika kwisithebe seNkosi. Isithebe seNkosi, njengokuba bendisicacisile apha ngaphambili, asikoku...Siyakholwa ukuba sonke sisibiza ngokuba “ngumthendeleko” si—sikukudla isonka. Sibeka ephosakeleyo—i—ephosakeleyo...Sibeka into eyiyo kwindawo engeyiyo. Ayisisonka eyona nto ibalulekileyo, asiyowayini eyonanto ibalulekileyo, sisonka nje sekosher newayini. Kodwa eyonanto kukuba, kukuba, u-*communion* uthetha “ukuthetha kunye,” kwaye, ekuthetheni naYe, ukhumbula Yena. Ndinga ukuba lelona xesha lisikelelekileyo leenkono. 'Yabona? Iyure nganye kubomi bethu imelwe kukuba yeyothethwano.

<sup>41</sup> Ukuthethana neNkosi kunjengohlaza olunamanzi entlango. Kunjengomthombo ongaphantsi kwesiziba, kuze kube lapho u—umhambi adlula khona, emise asele amanzi ade aqabule unxano lwakhe. Kukukhumbula iNkosi oko. Ukuza ngokomyalelo wesithebe saYo, apho athi khona umhambi odlulayo o—ongumhambi apha emhlabeni kunye nathi, sisonke, ukuze sibe nokudlula ngakwisithebe saYo, sithi apho sisele kwiintsikelelo zaYo nobabalo lwaYo nakwiLizwi laYo, kubudlelane ngeLizwi laYo, ide imiphefumlo yethu enxaniweyo yaneliseke. Size ke siyishiye loo ndawo yobudlelane, sihlaziyekile, sanelisekile; siphuma sisiya kuhlangabezana neengxaki zasentlango kwakhona, iingxaki zentlango yobomi. Ewe, indawo enohlaza phakathi entlango, sizihlaziya, sizanelisa xa sinxaniwe.

<sup>42</sup> Loo nto imelwe kukubakho kuye wonke umkhonzi. Kukwa-...Ikumkhonzi wenene ngamnye, ukuba balangazelele ukuhlangana. Kukho nto ithile malunga nobudlelane o—obuNgcwele, bumiselwe nguThixo, kwaye bungcwele, buyinto engcwele. Amalungisa ke anxanelwa bona.

<sup>43</sup> Njengokuba uDavide watshoyo, ukuba owakhe “umphefumlo unxanelwa uThixo, njengokuba ixhama lenzayo kumfula wamanzi.” Ixhama elincinane elingxwelerhekileyo ezithe izinja zokuzingela zagqobhoza amanxeba avuzayo ecaleni lalo, laze la—laxhuzula ukusuka kulo. Libe limi, lisezela likhangele. Apho, lijoja ngoluvo lwalo athe uThixo walinika lona, linokuwava ngevumba amanzi kwiimayile. Lize liyiphakamisele emoyeni intloko yalo encinane ngeli thuba lisopha kuphuma ubomi balo. Kwaye liyazi, ukuba lingakhe liyokufika kulaa mthombo utsawulayo ukuba linokuphila. Akukho mntu uyakulibamba ngoko. Ukuba lingakhe liye kufika kulaa manzi, liyakulahla umkhondo kuyo yonke inja onokuyibeka emva kwalo, kuba liyazi ukuba li—lifumene umthombo onika ubomi.

<sup>44</sup> Kwaye xa ibandla lifikelele kuloo ndawo, yokuba uKristu athethe lukhulu kangako kuthi ngokokude sinxanelwe ukufika eBusweni baKhe sibe kunye omnye nomnye, lowo nguMthombo onika uBomi. Akukho Mtyholi unokuze adlule kuwe. Nokufa ngokwako koyisiwe apho. Owu, lelinjani ithemba! Enjani yona indawo! Ukuzihlaziya kwethu. Kwaye, ekwenzeni njalo, ekukhumbuleni uKristu ukuba UnguLowo wenza ukuba oko kube nokubakho kuthi. YayinguYe Owasenzela ezi zinto, simelwe kukuMkhumbula. Kuba, khumbula, sasikade singabasemzini singenaThixo, iiNtlanga, sikhukuliselwe kwizithixo ezingenakuthetha. Kodwa, khumbula, uKristu akazange afele iJuda, koko wafela sonke isidalwa sohlanga oluwileyo luka-Adam, uKristu wasifela.

<sup>45</sup> Njengokuba sisiza ekuMkhumbuleni kuloo mthombo utsawulayo waKhe we-wesidlo, oko-oko kumelwe kukusikhumbuzwa emva ngexesha elinjenge likaSirayeli xa wayeseluhambeni. Baze bafika, ukanti babesemgweni womsebenzi wabo kanye, kwindlela yabo yokusuka eYiphutha ukuya ekuhlangulweni kwabo, kwilizwe ledinga, kwaye, kwakweso senzo sabo somsebenzi kanye, baswela amanzi. Kwakome kuyo yonke indawo ekunokukhangelwa kuyo, yonke indawo, konke... phantsi kwayo yonke induli apho kwakumele ukuba kukho imithombo etsawulayo khona, kwakungekho namnye. Yaye babetshabalala entlango. Kwaze ke kwavela apho iLiwa, awathi uMoses wabetha eli Liwa, kulo ke kwaphuma amanzi amaninzi. Yonke indoda enxaniweyo, wonke umfazi onxaniweyo, umntwana, nkqu naso sonke isilwanyana esinxaniweyo, sasinokusela amaninzi wona amanzi.

<sup>46</sup> Njengokuba uYohane 3:16, owona mxholo ubalulekileyo weBhayibhile, wathi, “Njengokuba uThixo wathanda ihlabathi kangaka, Walinika uNyana waKhe okuphela kwamzeleyo, ukuze wonke okholwayo (okholwayo, ononxibelelwano, oMkhumbulayo) angatshabalali, koko abe noBomi obunguNaphakade.” Ukhumbule ukuba uKristu wayeliLiwa lethu elabethwayo, ukuze asindise ihlabathi elitshabalalayo, iNtlanga etshabalalayo, iJuda elitshabalalayo, ihlabathi elitshabalalayo. UKristu wanikela ngoBomi baKhe ngokuzeleyo, ukuze wonke umntu olambileyo enxaniwe, wathi umprofeti, “Yabona, yizani emthonjeni, thengani kuM ubisi nobusi ngesisa.” Yizani, ngokuba bubudlelane, yizani ekukhumbuleni iNkosi.

<sup>47</sup> Ndinga ngokukhumbula iNkosi kwakhona endaweni yokuzihlaziya, kwiqula elalibizwa ngokuthi yi*Beerlahairoi*, ntoleyo ithi ngolwimi lwesiHebhere, “Iqula laLowo uphila endibona.” UHagare, akazange aqondwe kakuhle, kodwa esemgweni womsebenzi. Akaqondwa kakuhle, kwagqitywa ngokungekuko, waze walahlelwa ngaphandle, engenandawo anokuya kuyo, enomntwana otshabalalayo, amanzi ayephelile

embodleleni. Wabe umfo omncinane elila. Kwaye yintliziyo kamama kuphela enokwazi ukuba kwakuthetha ntoni na ukuva eso sikhalo sikhalela amanzi, ulwinyana lwakhe ludumba, imilebe yakhe ixwebile, usana lwakhe lusiya luba buthathaka mzuzu ngamnye. Elahlelwe ngaphandle, ekwindawo amelwe kukuba kuyo kanye, engenandawo anokuya kuyo. Wayenze ngako konke, kwayena, wade wafunxa nethontsi lokugqibela elifincelelela kwimilebe emincinane yomntwana eyomileyo. Yaze ke ibhotile yoma, walubeka phantsi waqalisa ukuhamba. Umfo omncinane ke ekhalela amanzi, waya ephelwa ngamandla ngokuphelelwa ngamandla; ingumntwana wakhe ekuphela kwakhe.

<sup>48</sup> Akuthandabuzeki ukuba intliziyo yakhe emsulwa yayiya kukhala, “Owu Thixo, ndenze ntoni na? Ndenze ntoni?” Wayengenakumelana nokubona umntwana wakhe esifela ezingalweni zakhe, ngoko wambeka phantsi phantsi kwetyholo. Waze wahamba kangangokuhamba kotolo, eneneni inokuba yayilikhulu leeyadi okanye ngaphezulu, wabona umthi omncinane, waze waguqa phantsi apho ke waqala ukulila. Ke, wayemangaliswa, “Kutheni?” Ukuba wayenze oko kulungileyo, kwakutheni ukuze ahlelwe yilento? Ngamaxsha amaninzi sicinga ukuba izigulo zethu nokuxhwaleka kwethu, ‘yabona, kodwa mhlawumbi konke kwenzelwa ukuze kuboniswe ubabalo nenceba. Kwaye esacinga, weva eso sikhalo sincinane siya sisihla njengokuba ekugqibeleni sathi saphela, sikhalela amanzi.

<sup>49</sup> Weva iZwi lithetha lathi, “Ulilelani na? Yintoni le uyililelayo?”

<sup>50</sup> Waze wakhangelwa phezulu, waze wabona isiziba sidlwabhazela. Onjani wona umthombo otsawulayo wokuzihlaziya! Beerlahairoi, ndisenokuba ndilibiza ngendlela engeyiyo. B, e,r-l-a-h-a-i-r-o-i, ntoleyo ithetha, “Iqula laLowo uphilayo endibona! Lowo ungenakufa! UMelkitsedeke! U-El Shaddai! Lowo uphila endibona, ezazi iintswelo zam, Undikhumbule. Kwaye apho Wandikhumbula njengokuba ndaMkhumbulayo, kwaye ndiyazi ukuba Uyaphila yaye Uvelise k-wahluma apho entlango, eli qula.”

<sup>51</sup> Owu, ingaba loo nto singayifaka kumyalezo welixa kanye ngoku, kulo mhla ngoku, xa intlango yamabandla, amahlelo eemvaba, ne—ne a—a—abashumayeli beVangeli yasekuhlaleni ne—nehlabathi leefashoni lichwechwe langena, laza lenza ubuhlelo beemvaba laphula yonke into.

<sup>52</sup> Ukuze nje sakucinga ukuba kumi kwakhona ngokuhlwanje, equleni laLowo uphila endibona. Yiloo nto ukukhumbula uKristu ekumele ukuthetha yona konqulayo. Ewe. Owu, loo mfazi wayengazange aqondwe walahlelwa ngaphandle. UYesu wathi, xa Wayelapha phezulu komhlaba, “Ndim aManzi aphilileyo, Ndim aManzi oBomi.”

53 Yaye ndifuna ukuzoba enye ingcinga encinane apha ethi qatha engqondweni yam. Ngethuba uYesu wayesematyaleni, yaye kungekho nto wayeyiyele ngaphandle kwesizathu sokuphoxisa, nga...Wathunyelwa kuPilato nakuHerode. Ngoku, uPilato wayenganyanzelekanga ukuba ayenze loo nto, yaye, uyazi, njengokuba wazama ukuzihlamba izandla zakhe kuloo nto. Kodwa nje ukuba libe sesandleni sakho, umelwe kukuba wenze isigqibo. Awunako ukulityhalela komnye umntu. Nguwe, njengomntu ozimeleyo. Kodwa Yena, Wathunyelwa kuHerode, ukuya ku—kwenza i—isiphoxo, ngokuba Wayenegama lokuba wayengumenzi wemimangaliso njalo njalo, kwaye Wayengumlalelwa ngaphandle ebandleni. Ngoko uPilato ngokwakhe, wacinga ukuba uyakuMthumela ngaphaya kuHerode, ukuze mhlawumbi ibe bulungiswa loo nto isisixhiba esidala ababenaso, omnye komnye.

54 Yaye ngoko uYesu wathathwa waweliswa izitrato wehla kwiindawo ezininzi wade Waya kuhlanguana nenkundla ephakamileyo, uHerode. Waze wathi Akuhlangana noHerode, noHerode wayenikwe ekukuphela kwalo ithuba lakhe! Angakhe abe sisidenge kangako umntu? Ukuba uHerode wayazile nje ukuba lowo wayemi phambi kwakhe yayiyinzaliseko yakhe wonke umprofeti wamaHebhere akudala...nebandla lehlabathi, lowo wayemi phambi kwakhe, inzaliseko yayo yonke inkonde nomprofeti owakhe wathetha. Ithuba lokuba ngewanelisa intliziyo yakhe enesono ngobabalo nenceba. Waba yindoda esisidenge njani!

55 Ukanti akasosidenge kangako kunendoda namhlanje eziselwa kwaloo nto inye kuba sibe neminyaka engamawaka amabini ethe chatha yemfundiso yaKhe, ngenceba yaKhe. Kodwa yinto e—ebubudenge kangakanani awathi uHerode wayenza xa wayemi phambi kwaKhe waze akaMcela ukuba amnike ubabalo nenceba, akazange acele xolelo lwesono. Wayengayazi loo nto yayimi...Andicingi ukuba loo ndoda yaqonda ukuba kwakumi apho phambi kwayo uMntu onje. Masikhe siyiyeke loo nto ihle nzulu okomzuzwana. Ngokuba loo Ndoda yayingena—nagama nje lasekuhlaleni nokuhlonitshwa okukhulu ekuhlaleni, yimibutho eyahlukileyo ne—nemibuthwana, njalo njalo, Awayethi azimanye nayo. Wayengenagama linjalo.

56 Kodwa Wayenanto ithile, phakathi kwabantu ababeyazi iBhayibhile belazi idinga. Kwaye ukuba ndingaba ngqongqo kancinane, abo babemiselwe kuBomi obunguNaphakade ngenxa engaphambili, baqonda ngaloo mzuzu Wayemi apho.

57 Kodwa uHerode akazange ayifunde lento, akazange ayazi. Yinto elusizi njani leyo. Bonke abaprofeti abathethayo isithuba samawaka amane eminyaka, inzaliseko yesililo sehlabathi yayimi phambi kwakhe. Apho phambi kwakhe kwakumi yonke

inzaliseko. Kwaye njengokuba ndisenokuthi ndiyiphinde lento kwakhona, sinokucinga ukuba wayesisidenge sendoda kuba wenza isigqibo sobudenge, kuba, uyaqaphela akazange acele nceba kuye. Wamcela ukuba a—amonwabise. “Owu, ndivile ukuba Ungu—ngumsebenzi wemimangaliso.” Wacela ukonwatyiswa endaweni yenceba.

<sup>58</sup> Nantso into ihlabathi, namhlanje, eligxininisa livelisa kwa eso sigqibo sikaHerode ngayo, xa bebona uKristu osebenza imimangaliso esenza kwaloo nto inye namhlanje Wayenzayo ngoko, kuphela ke kwezinto abazifunayo, “Masikubone usenza *okuthile-thile*.” Uthi uHerode uyakuma kwindawo embi? Umntu walo mhla uyakuma kwembi nangaphezulu indawo! UHerode wayenamawaka amane eminyaka yamava, abaprofeti kunye neenkonde. Thina sinamawaka amathandathu, sinemfundiso eyeyona iphambili kunaleyo babenayo ngoko. Ngokuqinisekileyo. Kwenza enjani into ke! Kunjalo namhlanje, ikwayinto enye!

<sup>59</sup> Kwakonakele phi? UHerode akazange azikise ukucinga. Akazange eme ukuze aqaphele.

<sup>60</sup> Kwaye kuyiloo nto ebantwini namhlanje. Babona lento ithile inkulu, ibenze bamatsheka, kodwa abemi thuba lide ngokwaneleyo. Bazama ukuphulaphula kurabi othile okanye kwisifundiswa sezakwalizwi esiYicacisa iyonke. Ukanti, xa nje ndicinga ngeJeffersonville, kufuthi kangakanani na ndithanda ukunibutha njengoko isikhukukazi siwabutha amantshontsho aso, kodwa anavuma. Kufuthi kangakanani ndithanda ukunihlanganisa? Kufuthi kangakanani na ndisenza ukuba le—le ndawana yesitiya ukuba kubelapho zonke izizwe ezinokubhabha zingene kuyo, naze anavuma. 'Yabona?' 'Yabona?'

<sup>61</sup> Ngoku, uyabona ukuba uHerode kuyakufuneka ekhumbule ntoni na ngaloo mini? Elona thuba limnandi lakhe, walitshikilela. Kwaye phaya ngaphesheya kwindawo ethile kwiingingqi zabalahlekileyo, ngokuhlwanje, uyayikhumbula loo nto wayenzayo ngalo. Seliphele kakhulu ixesha ngoku.

<sup>62</sup> Masingavumeli ukuba oko kube sithi. Eli lixesha lokutyelwa kwethu. Masikhumbule uKristu, ukuba Yena usekwanguye izolo, namhlanje, nanganaphakade. AmaHebhere 13:8. Musa ukulinda ude ube kwiingingqi eziphaya ngaphesheya, kwabagwetyiweyo, kuloo mo apho ungenako ukuya kubakho kuBukho bukaThixo, libe ixesha lakho lilapha phezu komhlaba, kwimo eyoyikekayo yemimoya uyakuhumbula ukuba wawulifumene ithuba waze walimangala. Mabaiyiqaphele loo nto abantu abatsha. Mabaiyiqaphele bonke abantu.

<sup>63</sup> UHerode akazange azikise ukucinga. Isiganeko sakhe eku-kuphela kwaso, wacela nje ukuba makonwatyiswe, nokuze

uYesu abe nokwenza uhlobo oluthile lobuqhinga, athabathe umvundla awukhuphe emnqwazini, okanye, uyazi, okanye enye into. Wayecinga ukuba Usenokuba, ngenye indlela, Wayeyithatha njengomntu onobugqi. “Sivile ukuba Unako ukwenza imilingo. MasiKubone usenza umlingo waKho ngoku.”

<sup>64</sup> Yaye makhe ndithethe oku ngentlonipho. Kodwa mangaphi amathuba abo babizwa ngokuba bangabalungiseleli balo mhla, abaye bathi, “Ukuba kukho uMoya oyiNgcwele, ukuba uyakholwa ukuba uMoya oyiNgcwele ufana kanye nokuba wawunjalo ekuqalekeni, masikubone uthabatha u*Sibani-bani* lowa umdala phaya, okanye *oku*, owu, *le* ndoda ingaphaya, *lo* mfazi ungaphaya. Ndizakuya kubalanda. Masikubone uyenza loo nto.”

<sup>65</sup> Ingaba bayaqaphela ukuba ikwanguloo moya mnye lowo (hayi, abaqapheli) ukuba bathi kuYesu, “Ukuba UnguNyana kaThixo, thabatha, yenza la matye abe zizonka. Ukuba UnguNyana kaThixo, sixelele ukuba ngubani na oKubethe entloko. Ukuba UnguMprofeti, sixelele ukuba Ubethwe ngubani na,” emgqume ngesiziba ubuso baKhe. Bambethe entloko, baze badlulisele intonga komnye, bathi, “Sixelele, ukuba UnguMprofeti. Sixelele ukuba ngubani na oKubethileyo, siyakukholwa kuWe ngoko. Sixelele, ukuba UnguNyana kaThixo. Sinyanisekile ezintliziweni zethu. Ukuba UnguNyana kaThixo, yihla emnqamlezweni yaye siyakukholwa ukuba UnguNyana kaThixo.”

<sup>66</sup> Ingaba abaninzi abantu namhlanje, kokubini, amadoda, abafazi, abatsha nabadala, abemanga kuloo ndawo inye na. Kwaye niyakukhumbula, ngamhla uthile, ukuba naniPhambi kwaKhe, eMthonjeni waKhe; naze nafuna umlingo, okanye nafuna iqhinga okanye into ethile eyenye, “Oku kuyakundenza ndikholwe kuYo. Mandibone ukungcangcazela emqolo kum, kwaye mandenze *oku* okanye *okuya*, ndiyakukholwa kuloo Nto.” ‘Yabona, ukuvakalelwa okuthile, kukukhonza izithixo okucacileyo! Mandi . . .

<sup>67</sup> Uyazi, uYesu wathi kwesinye isiganeko, Wabuza umbuzo. Ndingathanda ukubuza ibandla lento ngokuhlwanje. UYesu wathi, “Kutheni? Kutheni? Kutheni ukuba niNdibize ngokuba ndiyi ‘Nkosi,’ yenu, nibe ningazenzi izinto endiniyalela ukuba nizenze? Kungani na ukuba niNdibize ‘Nkosi,’ ningaligcini iLizwi laM? Ningathini ukuNdibiza ‘Nkosi,’ nize niziphike izinto endiniyalele ukuba nizishumayele nizifundise?” Yintoni na? Yintoni eyenza loo nto? Kungokuba isithethe esithile semvaba simi phakathi kwabo neLizwi. Yaye nantoni na ema phakathi kwakho noThixo, isisithixo, ithabatha indawo kaThixo. Kutheni ukuba nibize “Nkosi”? UN*Kosi* uthetha “ubunini,” iNkosi yeyayo indawo nokuba yinto. Kwaye ukuba uThixo ndingowakhe, ukuba ndingowaKhe, kwaye Wandijika

ngenye imini xa ndandikwindlela ephosakeleyo, wandibiza ngenjongo ethile, ndiyakwenza ntoni ingekuko ukuzalisekisa umnqweno waKhe, njengokuba Wenzayo kuPetros. Ndingathini ukwenza into eyenye kunokuba ndigcine iLizwi laKhe? “Kutheni ukuban niNdibize ‘Nkosi’?”

<sup>68</sup> Ndifuna ukubiza omnye umfo apha, sibone malunga naye. Nithini ngoJudas, yintoni amelwe kukuMkhumbula ngayo? Sithetha ngokukhumbula iNkosi. UJudas ngokuhlwanje kwaye, owu, ade angabikho kwakhona, umelwe kukukhumbula ukuba wathengisa ngobuzibulo bakhe. Wathengisa uYesu ngenxa yenzuzo yesiqu sakhe. Siyamgxeka uJudas—uJudas. Sithi wayengcolile, engumfo ombi, akafanele kubakho ndawo okanye abekho nakuliphi na uluntu, akalilungelanga iZulu. Kuba? Wathengisa iNkosi yakhe, emva kokuba wayelifumene ithuba neli lokuba abe ngu—ngumfundi, abe ngumpostile, olona bizo luphezulu eBhayibhileni, lungaphezu kokuba ngumprofeti. Wayenethuba lokuba ngu—ngumpostile, waze wathengisa elo lungelo ngokuzifumela inzuzo. Ke ngoku umelwe kukuyikhumbula loo nto. Yiloo ndlela amkhumbula ngayo uYesu: ukuzifumanela inzuzo.

<sup>69</sup> Yaye ndicinga ukuba bangaphi na ngokuhlwanje abasekhoyo epulpitini, babe besazinxiba izivatho zekwayala, behlala esihlalweni sobudikoni, okanye bathabathe indawo yobugcini-mali, ubuthenjwa, okanye nantoni na ekunokuba yiyo, isikhundla sakhe enkonzweni, okanye umlungiseleli epulpitini, abe esathengisa ngethuba lakhe ngenxa yokudunyiswa, “Gqirha, Bhishophu u*Sibani-bani*,” ngenxa yokudunyiswa, ukuzifumanela inzuzo.

<sup>70</sup> Kukho indoda eyathi kum ngaxesha lithile, “Ndiyakholwa ukuba yiNyaniso leyo. Kodwa ukuba ndingashumayela loo nto, ndingangqiba phaya esitratweni.”

<sup>71</sup> Uyayikhumbula indoda esisityebi noLazaro, into eyaba yiyo indawo yabo ekugqibeleni neqonga labo laNaphakade apho laba khoyo? Nakuba omnye wayene... wayengumngqibi, omnye eyindoda esisityebi, kodwa umfanekiso waguquka ngenye imini wabo bobabini ukuze babe nokukhumbula. Ngoko, abantu kusihlwanje bakhwaza ngoJudas owaMthengisa ngenxa yenzuzo, babe abaninzi kangako besenza kwaloo nto inye namhlanje, beMthengisa ukuze bazifumanele inzuzo.

<sup>72</sup> Umbingeleli waloo mihla naye uyakukhumbula ukuba bathengisa ngethuba ababenalo malunga naYe, ithuba labo lokuba babe ngabakhonzi baKhe, lokuba babe ngabafundi baKhe, abe ngoguqulweyo nguYe. Balithengisa elo thuba ngenxa yomona oluhlaza ityhefu. Babenomona ngeMfundiso yaKhe. Kuba, xa Wayeneminyaka elishumi elinesibini ubudala nje, Wayenako ukubanyathela nakanjani na; baze



bangayiqondi loo nto, ukuba lowo yayinguMesiya. Babengakwazi ukwenza izinto Awayekwazi ukuzenza. Kwaye babesoyika ukuba bayakulahlekelwa liwonga labo phambi kwabantu bodidi oluphezulu kakhulu, baze bathengisa ngethuba labo. Kananjalo banetyala kanye njengokuba uHerode wayenalolo.

<sup>73</sup> Nelungu lebandla namhlanje likwayinto enye. Ukuba babethembele kwihlelo lemva yabo njalo njalo, ngaloo mihla, baze boyikela elabo iwonga, babeya kulahlelwa ngaphandle kwesynagogue, yayiyintoni ke leyo? Yayikukukhonza isithixo! Ukukhonza isithixo somgaqo okanye isithixo sonqulo lwecawe, endaweni yokwamnkela iLizwi eliphilileyo elalibonakaliswe phambi kwabo.

<sup>74</sup> Yaye balibona iLizwi likaThixo. IBhayibhile ithe, “SaMbona saMphatha ngezandla.” Abantu abayinyama bebeka izandla ngenene, ephila, iLizwi elibonakalalisiweyo likaThixo ophilileyo; baze bavumele izithethe nemigaqo ime phakathi kwabo, ukuhlanjwa kweembiza namapani, into engcole olo hlobo ime phakathi kwabo noThixo ophilileyo. Ewe.

<sup>75</sup> Yayiyintoni leyo? Babenekratshi. Babenekratshi kweyaKhe ecocekileyo, iVangeli yeSibhalo engqalileyo Awayeyifundisa, iLizwi likaBawo. Babenomona nguYe. Babenekratshi kuYe. Kwaye okoko benako nje ukukhumbula, ntoleyo, nasesihogweni apho bayakukhumbula, nantso indlela abaya kukhunjulwa ngayo. Yiloo ndlela abaya kunyanzeleka ukuba baMkhumbule ngayo.

Uthi, “Owu, yayingabaFarisi abo.”

<sup>76</sup> Kukho inenekazi elincinane elalikhade lisiza kule nkonzo. Owu, ndiyaqonda mhlawumbi abaninzi kuni bayalazi, lihlala phaya ezantsi kwesi sitrato phaya. Lawa lemka. Kwaye lonke ixesha ndilibona, libaleka lize kum, izandla zalo zikwezam, “Mzalwana Bill, ndithandazele. Ndikreqile.” Umyeni walo u. . . Hayi, ndicinga ukuba uhlala apha phezulu kwesi sitrato. Ndakhe ndalibona likuMoya, ndawubona uMoya kaThixo ephezu kwalo, lona liduda, livuya, njalo njalo. Laze ke lawa lemka. Lalilele kutshanje esibhedlele phaya, lisifa, lacinga. Laza lathumela kum ukuba ndiye kulithandazela.

<sup>77</sup> Ililo nomyeni walo babelunge kakhulu kwinkosikazi yam, ngethuba inkosikazi yam, incinane, idlakadlaka, intombazana enobuso obumdaka, babeye ke bayithengela ilokhwe encinane okanye into ethile njalo ethubeni, ukuyinceda ukuba iye esikolweni. Akunamsebenzi nokuba incinane kangakanani, akukho nento enye onokuyenzela uThixo aze Angayikhumbuli. “Okokwenze kwaba bangona bancinana baM, nikwenze kuM.” Kwaye njengesonka emanzini, siyakubuya.

<sup>78</sup> Lalilele apho olo sizi, luncinane, umfazi okreqileyo, ekhala, ebambe isandla sam. Kwaye waye...Ndathi, "Kulungile, dade, ndi—ndizakukuthandazela."

<sup>79</sup> Kwakulele ke kwibhedi esecaleni kweyakhe umfazi elele apho enqamleze izandla zakhe, ekhangele kum. Unyana wakhe wayehleli ecaleni kwakhe, emalunga namashumi amabini, ekhangeleka enobu-ricky bangoku.

<sup>80</sup> Ngoko, ingekuko ukungabi nantlonipho ukuba kukho umntu ongu-Ricky, kodwa ndithetha ukuba leyo yi...awuzange uve igama elinjalo kwimihla eyadlulayo. U-Elvis noRicky ligama nje ke leli xesha, uyabona. Ukuba unomntwana omthiye ngaloo nto, mize ngelinye igama eliphakathi, ngoko, kungenjalo mthiye elinye.

<sup>81</sup> Ngoko yathi ihleli apho ngolo hlobo, wakhangele ngaphaya, ndaqalisa ukuthoba yam, ndambona ekhangeleka ngenene...Wathi, "Yima umzuzu! Tsala lo mdiya-diya!"

<sup>82</sup> Ndathi, "Bendizakuthandazela eli nenekazi. A—Awulo—lokhohwa na?"

<sup>83</sup> Wathi, "Ndizakukuxela ngoku, thina singamaWisile, yaye sifuna ukuba utsale loo mdiya-diya!"

"Ewe, nkosikazi," ndaze ndatsala umdiya-diya.

<sup>84</sup> 'Yabona, ikwayinto enye. Yiloo nto inye namhlanje, banekratshi kangako! Wayesazi njani ukuba ndiloluphi na uhlobo lomlungiseleli? Ndandingazange ndimbone loo mfazi ngaphambili. Kodwa ngokuqinisekileyo wayeve mntu uthile owathi ndikholelwa empilisweni yabagulayo, kwaye yena efundiswe ngokuchaseneyo naloo nto. Akananto yakwenza noko, wahlamba izandla zakhe kuyo. Waba nexhala lokuba ingamwela. Ungakhathazeki, ayisayi kwenza njalo, kanye njengokuba uPilato wayenokuyihlamba isuke ezandleni zakhe.

<sup>85</sup> Ngoku, loo nto asikokuthetha nto ngokuhlazisa abantu abangamaWisile; yayingumfazi omnye nje lowo, 'yabona, kungenzeka ukuba yayiyindlela nje yakhe aqhuba ngayo. Andicingi ukuba bonke abantu abangamaWisile banjalo, kuba ndikhe ndathandazela abaninzi babo. Baye bandibiza ukuba ndibathandazele, yaze imiqondiso nemimangaliso yenzeka phakathi kwabo. Asingabo ngokupheleleyo abo bantu bakwezo cawe; yinkqubo le baphantsi kwayo, nantso into eyenzekayo. Kodwa wayelolunye lolo hlobo yena. Yayiyintoni? Yityhefu nje eluhlaza ngokupheleleyo, likratshi nokuzaliswa nguMtyholi.

<sup>86</sup> Ndingathetha into ethile. Kwi—kwinkonzo ethile eyayilapha esixekweni ngaxesha lithile, baze babuza ukuba kutheni ndingabizelwa kuyo nje. Kodwa ndizakuyitsiba ke loo ndawo kuba kusekhaya apha. Kodwa, nakanjani na, akukho sizathu, ngumona nje, ngumgaqo, kukukhonza izithixo. Indlela ebesinokuthanda ngayo ukugaxela iingalo zethu kuye wonke

umntu, kodwa xa wenziwe ikheswa...UYesu wayefuna ukwenza njalo. Khumbula, ngamhla uthile unyanzelekile ukuba uyikhumbule loo nto. Unyanzelekile ukuba uyikhumbule.

<sup>87</sup> Loo nto indikhumbuza ubungqina obe busenziwa kutshanje. Wayekwigunjana elizihambelayo enyuka, apha ngaphesheya kwiSakhiwo iHeyburn. Kwabe kukho amadoda amathathu emileyo kunye nalo mlungiseleli kwe—kweli gunjana lizihambelayo, wona ke—wona ke ayengayazi le ndoda ukuba ngumlungiseleli, ndiyaqonda ayengazi. Baze bathi benyuka, bonke baya kuma kumgangatho wesibhozo. Enye indoda yaphunguza ibhekisa kumlungiseleli, yaze yathi, “Uyazi yintoni? Xa silapha sisondele kangangoko sinokuba nako eZulwini.”

<sup>88</sup> “Ke,” watsho umlungiseleli, “Ndi—ndiyacinga ukuba unyanisile. Ndi—ndiyacinga ukuba yinyani leyo, okoko nje sisathembele ngokuphelela koko kunokwenziwa sithi, siyakusondela sipelele nje kule ndawo.” Injalo loo nto. Okoko nje usathembele kwinto oyenzayo, ukhumbula oko kwenziwe nguwe. Kwaye ndiqinisekile ukuba abanzi bethu bayazi ukuba akukho nto sayenzayo, akukho nto sinelungelo layo konke. Wathi, “Ndiyaqonda xa sithembele koko sinako ukukwenza ngokwethu, singaphelela apha ke singenakudlula.” Ke, ukuba sithembele, sizakuhamba nje sipelele apha.

<sup>89</sup> Kodwa, owu, ndingathanda ukuthetha into. Ukuba ndinokulibala into endandiyiyo, ndikhumbule into Ayiyo, ukuba ndinokukhumbula uYesu, ukuba ndinokuMkhumbula emnqamlezweni, ukuba ndinokukhumbula oko Wandenzela kona, ndize ndibe nokukhumbula ilixa Awahlamba ngalo izono zam, wandinika uMoya oyiNgcwele ukuba andikhokele, ngoko ndinyuselwe ngentla kwayo yonke into ebanke lo mhlaba. Ndinyuselwe ngentla kwayo yonke into yasemhlabeni, ndaya kungena kwiindawo zaseMazulwini kuKristu Yesu, apho ndinokuba nobudlelane naYe. Apho kuBukho baKhe, ndilibale oko ndakhe ndakuko, ndilibale zonke izono zam nayo yonke into, kuba zikulwandle lokulibala. Ndilibale konke okudlulileyo kum, ndilibale yonke into, ndikhumbule ukuba Wandenza ndangowaKhe Buqu, ngokufa OkukokwaKhe. Wathabatha indawo yam. Yaye kwakungekho ndawo ndandilungele ukuya kuyo koko kusesihogweni, Wathabatha indawo yam wandinyusa wandikhupha esihogweni. Wandiyela khona. Wandinyusa wandikhupha ngobuninzi bobabalo lwaKhe, kude kube ngoku singoonyana neentombi zikaThixo, sibe sihleli kwiindawo zaseMazulwini kuKristu Yesu, sivuya okoko sikhumbula Yena Lowo uze kusimisa apha sikhuselekile. Nangokholo olundondozayo emiphefumleni yethu, lusinyanzela, nangobabalo Uyakusiqhubela phambili.

<sup>90</sup> Kwaye ngamehlo okholo ndibona iSibhalo saKhe sizalisekile, “Bonke Awabazi ngenxa engaphambili, Wababiza; bonke Awababizayo, Ubangwalisile; nabo bonke Awabangwalisayo, Ubazukisile.” Ngoko ke xa ndinale ngcinga, ndima kwintlanganisela yabantu, apho uMoya kaThixo ukhoyo, sibe siphakanyiselwe phezulu sihleli kwiindawo zaseMazulwini kuKristu uYesu. Silindele elo lixa kuyakuthi ngalo le mbonakalo ingendawo yobomi bobuntu obunentliziyo enokufa ebethayo, neyakuthi ime ngamhla uthile, xa iyakuguqulwa inikwe intliziyo yoMoya eyakubetha ngako konke okwexesha elingenasiphelo ngaphaya koko. Kungekho kugula, kungekho ntsizi, kungekho kwaluphala, okanye nantoni na.

<sup>91</sup> Khumbula uYesu. Lakungabi nanto igubu endlwini, naxa kungekho mgubo wangqolowa, khumbula uYesu. Xa ugqirha esithi akusekho thuba, khumbula uYesu. Xa uMtyholi ekulinga; kwaye siyalicula iculo lethu lokwahlukana, “xa izilingo zisingqonga, phefumla elo Gama liNgcwele emthandazweni.”

<sup>92</sup> Khumbula uYesu, ukhumbula ukuba Uyakubuya kwakhona. Kwaloo Yesu wenyuswayo wemnka kuthi uyakubuya kwakhona kwangaloo ndlela njengokuba siMbonile esiya kungena eZulwini. Khumbula, Uyakubuya ebuyela abo bangabaKhe Buqu.

<sup>93</sup> Masithandaze, iintloko zethu ke sizithobile. Nalo Myalezo mncinane waphukile usesentliziyweni yakho, awunakuthanda ukuba Akukhumbule ngoku? Ukuba uyafuna, phakamisa nje izandla zakho, nento ethile ekhethekileyo, “Nkosi, ndikhumbule.” Njengoko imbongi yathi, “Ndikhumbule xa iinyembezi ziqukuqela ukuhla.”

<sup>94</sup> Bawo wethu oNgcwele Kakhulu, sixhamle ngokuvuyela okukhulu uBukho boMoya oyiNgcwele, njengoko Esibonisile iLizwi loBomi, njengoko sikhumbula umngxuma esembiwa kuwo sabe ngoku sithatyathiwe ukususwa kuloo mhadi saxonxela ekubeni ngabantwana bakaThixo, ngobabalo lukaYesu Kristu. NdiyaMkhumbula, xa ugqirha wakhangele kum ebusweni wathi, “Kusele nje imizuzwana embalwa eyeminye,” ndikhumbula uYesu. Ndikhumbula uYesu, xa ndandisesiguqweni ndililela inceba umphefumlo wam uvutha uphela, ndiyawukhumbula umthwalo owesukayo kum. UYesu wathabatha umthwalo wam. Kwiinyanga ezimbalwa ezidlulileyo, ndihleli kwisitulo eside, ndikhangele ezantsi ngombhobho wombaxa wompu, ukuze ndidubule into ebendiyibekile, yaye inokuba uSathana ucinge, “Lithuba lam eli ngoku.” Waze wathi w-akudubula loo mpu, yaze le ndawo ingumbaxa nentonga nompu uqhubela phambili wabheka macala, kwabakho umlilo wandijikeleza, ndazama ukuphephisa iinyawo zam, labe limpompoza igazi,

ndiyakhumbula ukuba yayinguYesu. Xa ugqirha wathi akundikhangela wabona kungekho ngozi yenzekileyo, wathi, “Inye kuphela into endiyaziyo, kukuba iNkosi inokuba ibihleli apha, nayo, ikhusela umkhonzi waYo, ebemelwe kukuba udutyulwe wathi saa lolunjalo udubulo.” Owu Thixo, indlela esithi sonke sizikhumbule ngayo ezo zinto!

<sup>95</sup> Siza eMthonjeni ozaliswe liGazi, elatsalwa kwimithambo ka-Imanuveli. Sisikelele, Nkosi, sisonke ngokuhlwanje. Uyayazi i—injongo nokuzimisela okukwintliziyo yonke ephakamise isandla. Uyawazi umnqweno noko kuswelweyo. Ke njengomkhonzi waKho, Nkosi, ndi—ndiza nabo, na—naphaya phezulu ngaphandle kwalo mnquba ngoku (ngokholo) siyaya, ngaphaya kwamafu nenyanga, neenkwenkwezi no—nomnye ele omhlophe wezulu, ke ngoku siyafika kuBukho bukaThixo. Kwaye kuthe natya phambi kwam isibingelelo segolide, nalo phezu kwaso iDini esilikhumbulayo, uYesu, owathi, “Celani nje kuBawo nantoni na eGameni laM, Ndi—Ndiyakuninika.” Malungasileli ukholo lwethu, Nkosi, koko masikhumbule ukuba samnkela oko sikucelileyo, ukuba siyakholwa yiloo nto, njengokuba sikhumbula ukuba uYesu wafela ukuze oko kulunge kuthi nokwenza ukuba kube kokuqinisekileyo.

<sup>96</sup> Nkosi, siyabona ukuba Uyasandisa isakhiwo sethu. NguWe owasenzela oku, othe wasinika esi sandiso senkonzo. Kwaye siyazi ukuba yayinguWe, Nkosi, Owasinika le nkonzo ekuqalekeni. Siyathandaza ukuba Usikelele la malinge.

<sup>97</sup> Nkosi, sithandazela umlungiseleli wethu, uMzalwana Neville, owaKho onobubele, umkhonzi wakho othembekileyo. Ulungele ukukhonza nakusiphina isikhundla, akunamsebenzi nokuba kukwisihlalo esisemva na kungenjalo ikukucoca inkonzo, ulungele ukuKukhonza naphi na apho Ubizela khona. Siyathandaza, Thixo, ukuba—ukuba Umsikelele.

<sup>98</sup> Thixo, eli tyala lokuvavanywa ndisandula ukuphuma kulo, kunye naba bantu basayinela izimali bebemi kunye nam, neli bandla li—lindithandazelelo, kwathi ekugqibeleni kwafika uloyiso. Owu Thixo, ndiyabathandazela. Ndiyabakhumbula, nabo, Nkosi, ndaye ndiqinisekile ukuba Uyabakhumbula ngokuqinisekileyo.

<sup>99</sup> Siyazikhumbula iintsikelelo Obezizo kuthi. Kwaye sikhumbula iLizwi laKho, ukuba Awusayi kusishiya ungenakuze usilibale. Ukwaluphala akuyi kuba nanto kuloo nto, Usaya kusikhumbula, xa lingasekho ihlabathi nexesha liyakunyamalala lingene kwiNaphakade. Kubhalwe into elolu hlobo, “Ingaba umama angalulibala na usana lwakhe olwanyayo? Andingeze ndikulibale. Ukrolwe kwintende zezandla zaM,” izikhonkwane ezikrola igama lethu. Siyazi ukuba Uyasikhumbula, Nkosi.

<sup>100</sup> Kananjalo Wanga ungahlala ukwinkumbulo zethu ezizezona zithandekayo, njengoMsindisi wethu, uMphilisi wethu, uKumkani wethu, iSithandwa sethu, uBomi bethu, uMtha welanga wethu, oKuko konke kubo Bonke kuthi, loo mthombo ungatshiyo wobabalo nothando lukaThixo kuthi bantu bawileyo bosapho luka-Adam. Siphelako, Nkosi, njengoko sizinikela kuWe ngoku, simnka kulo Mnquba kusihlwanje, sikhumbula uYesu, Amen.

<sup>101</sup> NiyaMkhumbula? NiyaMthanda? Ngoku ndiyacinga ukuba, kulo Myalezwana wethu waphukileyo, sinokukuthetha oku. UPawulos wathi, “Nokuba senza ntoni na, masiyenze sikuMoya.” Kwizinto zonke simelwe kukuMkhumbula. Makungabikho sigqibo sisenzayo de siMkhumbule; makungabikho nto siyenzayo, kuba iyakuba yinto eyeyengqondo. Ukuba utshaba lubetha elinye icala lesidlele, masikhumbule oko Wakwenzayo phambi kokuba siphindise. Masikhumbule isenzo saKhe. Ukuba kukho isigqibo emasenziwe, masilinde, sikhumbule ukuba loluphi na uhlobo lwesigqibo esicinga ukuba Ebeya kusenza, ngoko ibe sisigqibo sethu eso. Ukuba sithe sangxama, masikhumbule ukuba Yena akazange angxame. ‘Yabona? Ukuba sithe sanexhala kakhulu, masikhumbule ukuba Yena uhleli ngoNaphakade, ixesha alithethi nto kuYe. Kukuzimisela nenjongo yentliziyo yethu. Masikhumbule Yena.

<sup>102</sup> Kwaye masiMkhumbule ngoku njengoko sicula eli culo sikumoya eBusweni baKhe, “NdiyaMthanda.” Ukuba nithe nahlela eluthandweni, nihleli kuThixo, kuba uThixo uluthando. Abo bahleli kuThixo bahleli eluthandweni. ‘Yabona? Uthando ke alunantiyo. Uthando alunamona. Uthando alunampakamo. Uthando alwenzi okuzintlani. Uthando luhlala lunobunono, lulungile, luxolela, lunobubele. Akunamsebenzi nokuba omnye ukhohlakele kangakanani na, uthando luhlala lululo. Uthando yeyona njongo iphambili yobabalo. Uthando luyeyona njongo iphambili kaThixo ngathi. Emva kokuba zonke ezinye iziphondo nezinto ezinjalo sezinyamalele, ukuprofeta kwethu, iilwimi zethu, ukutolika kwethu, konke esakha sakwenza, kungenjalo nantoni na eyenye, lwakungena uthando, luyingqibelelo. Lungaphezu kwako konke, kuba zonke ezinye ziyasilela. Lu—lusi sigqibo seNkundla ePhakamileyo. LusiSibonda sokuxhathisa. LuyiNkwenkwezi yangeNtla egcina oomatiloshe kwindawo elungeleleneyo. LuyiKhampasi yokusikhokela. Uthando lungundoqo. Masiyikhumbule loo nto sisacula, “NdiyaMthanda.”

NdiyaMthanda, NdiyaMthanda  
Ngokuba Wandithanda kuqala  
Wathenga usindiso lwam  
EKalvari emthini.

NdiyaMthanda, NdiyaMthanda  
 Ngokuba Wandi . . . (Ngoku khumbula,  
 Wandithanda wanikela ngoNyana waKhe)  
 Wathenga usindiso lwam  
 EKalvari emthini.


<sup>103</sup> Ngoku ngeli thuba udade wethu esifakela isingqi kweli culo, [UMzalwana Branham uqalisa ukungqumshela “NdiyaMthanda”—Mhl.] masithi nje ngobumnandi bobudlelane, ngoku sihleli kunye kwiindawo zaseMazulwini kuKristu, ngoku thabatha konke, yonke into isuke entliziyweni yakho. Uze ukhumbule, iLizwi likaThixo litsho. Ndingumkhonzi waKhe mna. Ulapha Yena. Ngoko masibambane isandla nomnye umntu, sithi, “UTHixo akusikelele, mzalwana.” Ukuba unotshaba, phakama uye kulo, ’yabona, “UTHixo akusikelele mzalwana,” njengoko silicula ikhorasi kwakhona sibambana izandla. Aninakuyenza loo nto ngoku, ngokumnandi ngenene kuMoya.

NdiyaMthanda, NdiyaMthanda  
 Ngokuba Wandithanda kuqala  
 Wathenga usindiso lwam  
 [UMzalwana Branham ubamba izandla—Mhl.]

Siziphakamisile izandla zethu ngoku.

NdiyaMthanda, NdiyaMthanda  
 Ngokuba . . . (Khumbula uYesu!)  
 Wathenga usindiso lwam  
 EKalvari emthini.

<sup>104</sup> Ngoku masithobe iintloko zethu silingqumshela. [UMzalwana uBranham uqalisa ukungqumshela u “NdiyaMthanda”—Mhl.] Ukukhumbula uYesu! [UMzalwana uBranham uqhubela phambili ngokungqumshela] “Wandithanda kuqala.” [UMzalwana uBranham uqhubela phambili ngokungqumshela] “EKalvari emthini.”

<sup>105</sup> Ngoku njengoko udade wethu ebetha isingqi, ngokumnandi nangokuzola, ndizakucela umzalwana wethu olungileyo . . . uMzalwana Neville, ingaba unezwi ofuna ukulithetha? Ndizakucela uMzalwana Collins lowa uphaya emva, owethu othembekileyo, lo mzalwanana mncinane, omnye wamadlelane ethu, ukuba asindulule ngomthandazo. Ngeli thuba sithoba iintloko zethu, Mzalwana Collins. [UMzalwana Collins uyathandaza—Mhl.] 

*UKUKHUMBULA INKOSI XHO62-1209*

(Remembering The Lord)

Lo Myalezo kaMzalwana uWilliam Marrion Branham owawushunyayelwe ekuqaleni ngesiNgesi ngeCawe ngokuhlwa ngo-mhla we-9 kuDisemba, ngowe-1962, kuMnquba kaBranham, eJeffersonville, e-Indiana, eMelika, wathatyathwa kwisishicileli-mazwi washicilelwa ungafinyezwanga ngesiNgesi. Le nguqulelo yesiXhosa ipapashwe ngowe-2002 ngabe:

©2002 VGR, ALL RIGHTS RESERVED

VOICE OF GOD RECORDINGS

P.O. Box 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.



## Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS  
P.O. Box 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.  
[www.branham.org](http://www.branham.org)